*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Uncumo lukaSizwe*
*(Sizwe's Smile)*
Illustrated by Genevieve Terblanche
Written by Vianne Venter
Designed by Lauren Rycroft
Translated into isiXhosa by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants at Cape Town on 28 June 2014.

ISBN: 978-1-928442-61-5

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Kwakusele kuziintsuku eziliqela kunetha, kwaye wonke ubani wayengonwabanga. Wonke umntu ngaphandle nje kukaSizwe, owayevuka enoncumo ntsasa zonke.

“Yhoo, Sizwe! Olo ncumo lwakho lungumlingo!” watsho uMakhulu. “Ingaba uncumele mna?”

USizwe wabeka isandla sakhe emlonyeni, efihla uncumo lwakhe. “Kodwa luncumo LWAM ndedwa nje, Makhulu,” wasebeza.

Umama wakhe wathi gquzu intsini. “Sizwe! Uncumo yinto onokwabelana ngayo nabanye kodwa ihlale iyeyakho. Jonga!”

Umama wakhe wamphakamisa, emveza esipilini. Nalo uncumo lwakhe, luqaqambe ngobubele nothando njengakuqala.

Yayilixesha lokuhamba. Umama waqhobosha isikhwehle sikaSizwe baze bahamba kuloo mvula, besingise kwithala leencwadi.

Xa besihla isitalato, babona uZanele, oyena mhlobo mkhulu kaSizwe, emi ekrobe efestileni kowabo, ejonge imvula kalusizi.

USizwe waluva uncumo lwakhe luchwechwa, luchwechwa luziveza. Uthe esithi phakaphaka, lwabe uncumo lwakhe LUTHE GQADA PHANDLE lwazibonakalisa, lwaza lwabhabha lwanqumla esitiyeni lwaya kuZanele.

sizwes-smile_interior.indd 10 2018/08/31 8:17 AM

UZanele naye walwanga waluqinisa uncumo – wayengenakho tu ukuluyeka luphuncuke kuba lwaluxabiseke kakhulu.

Wathi xa uSizwe edlulela kwithala leencwadi, kwavakala intsimbi yokunkqonkqoza ikhala kuloZanele. Kwakufika unoposi, ephethe ileta evela kumzala kaZanele amthanda kunene.

UZanele wavuya kakhulu kangangokuba uncumo lwathi khwaphululu lutsiba-tsiba ukuya kunoposi.

“Enkosi, Mnumzana Noposi!” utshilo uZanele.

Uncumo lukaZanele yayiyeyona nto iqaqambileyo, ezele ububele nolonwabo unoposi awakhe wayibona ngaloo ntsasa. Lwamgcina eziva efudumele lo gama ahambisa iposi kuloo mvula.

Wafika endlwini enkulu. Ngaphaya kwesango, kwakukho inja eyayijikeleza, isenza umkhulungwane, ikhonkotha, ikhonkotha kakhulu. Yayikhangeleka ibhanxeke kangangokuba unoposi zange akwazi ukuzibamba, wancuma.

Olo ncumo lwatsibela ngaphaya kwesango lubengezela luchwayito.

Inja yayeka ukukhonkotha. Yamisa iindlebe zayo, yajiwuzisa nomsila wayo. Emva koko yajika ngokukhawuleza, yathi ngqe ukuya endlwini izele luncumo olonwabisayo noluxabisekileyo.

Kwathi gqi ixhego elitototobayo, elavula ucango. “Hayi khona! Awunakungena kule ndlu. Umanzi wonke unje!” uyixelele oko le nja. Kodwa kuthe kwa-oko, uncumo lwathi gqi lwasingisa exhegweni.

Ixhego lema nkqo ngoku. “Eyishi” latsho, “Ihoywe ngubani into yemvula enethayo? Yiza kwedini, khe sizulazule!” Kwa-oko bangene endleleni, beman’ ukutsiba ezo zichenene zamanzi zisendleleni.

Phaya endleleni, kwindawo yokunqumla abahamba ngeenyawo, kwakumi uNkosikazi Makabela, igosa lendlela elinochuku kunene. Wayegodola kwaye emanzi, engonwabanga kwaphela.

Ixhego laliyazi kakuhle into ekufuneka liyenzile. “Molo Nkosikazi Makabela!” kukhwaze eli xhego, laze latsho ngolubanzi lona uncumo, luyimvuzemvuze bububele.

Kodwa uNkosikazi Makabela zange alincumele yena eli xhego.

Ukuma emvuleni usebenza, iintsuku ziqengqeleka kungakwenza ukhangeleke ulusizi ngokwenene.

Kodwa uncumo yinto engumlingo kuba emva kwethuba, uncumo lwakhula ngaphakathi, kangangokuba kwaba nzima kakhulu ukulugcina ngaphakathi. Zange lukhawuleze, kodwa kancinci-kancinci, lwaqalisa ukuchwechwa lwade, ngelingeni ...!

Uncumo oluhle nolubanzi lwazalisa ubuso bukaNkosikazi Makabela!

Kwakhala intsimbi esikolweni, baze abantwana babaleka befuna ukunqumla indlela. UNkosikazi Makabela waphakamisa ibhodi yakhe eluphawu lwendlela, waze wancuma, encumela umntwana ngamnye.

Abantwana bancumela oomama nootata babo, kwakunye noomakhulu nootatomkhulu babo, kunye noodadebabo nabantakwabo. Bancumela umqhubi webhasi kunye nomama othengisa imifino neziqhamo ecaleni kwendlela, uMme Makau, nowathi khwasu waya kuncumela umyeni wakhe, waze yena umyeni wakhe wancumela usodolophu ...

Uncumo lwaluzitsibela apha naphaya, luqengqeleka, luqaqanjiswe bububele lwazalisa ngolonwabo de kwancuma WONKE UMNTU, kwagigithekwa kusitsho isiqhazolo sentsini kuloo mvula indyondyozayo.

Kwithala leencwadi, kwakuthe zole cwaka, kuvakala nje imvula ehlokomisa izinki.

“Lixesha lokuba sihambe,” utshilo umama kaSizwe, evala incwadi yakhe.

“Awu, Mama!” watsho uSizwe, luphelile tu uncumo kuye.

Kodwa bathi bakuphumela
ngaphandle, esitalatweni ...

ONJANI WONA UMBONO!

Wonke umntu kuloo dolophu wayelapho.

Wonke nje umntu!

Kwaye BONKE NJE babencumile!

Uncumo olusuka kuloo ngtinginya lwatsiba ngobubele lusiya kuSizwe. Lwamenza waziva efudumele, lwamnyumbaza, lwaze lwenyuka lusuka ezinzwaneni zakhe … lwaya PHEZULU entloko. Wayezaliswe lulonwabo olukhulu kangangokuba uncumo lwakhe lolonwabo noluhle lwathi gqi ngokuqaqambileyo.

Kwakukho into etshintshileyo. Loo mvakwemini yayithe gqume, imnyama kwaye inetha yayingabonakali ilusizi kwaye isoyikeka kakhulu ngoku.

Ingaba …? EWE NJE!

Ayegabukile amafu, ilanga elifudumeleyo laliqaqambise loo mitha yalo likhanyisele abantu, litsho ngolona ncumo lukhulu noluhle olwakha lwabonwa.

sizwes-smile_interior.indd 28 2018/08/31 8:17 AM

